Isalathiso: 20200803-7342
Inombolo yefayili: 13/9/2
Imibuzo: C Klopper

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0010/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko emfundo alungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isihloko: IMisebenzi yoVavanyo lwePrakhtikhali eHlaziyiweyo (*Practical Assessment Tasks*) (*PATs*)) yeemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*) zeBakala 12 zango-2020

1. Ii-*PATs* zango-2020 zenziwa kwizifundo ezinecandelo leprakhtikhali zaza zakhutshelwa amasebe emfundo amaphondo ngoJanuwari 2020.

2. Ukuvalwa kwezikolo ngenxa kabhubhane i*Covid-19* kunyanzelise ukufakelwa kwezilungiso kwii-*PATs* kwizifundo ezithile. Ii-*PATs* zivumela ukuhlolwa kwezakhono ezingenakuhlolwa ngovavanyo olubhaliweyo okanye ngoviwo. Ikwafuna kwakhona ukuba abafundi benze umsebenzi weprakhtikhali nokuba kukwiiwekhshophu, kwizitiya zemifuno okanye kwiifama, ngokuxhomekeke kwiimfuno ezingummiselo zesifundo esithile.

3. Ukuvalwa kwezikolo kwikota yokuqala nokuphulukana neentsuku zesikolo, kwakunye nokuziziphumo zangoku zokuqelelana kwabantu, kukhokelele ekubeni iSebe leMfundo esiSiseko likazwelonke (iSebe i*DBE*) lifakele izilungiso ezithile kwii-*PATs* zango-2020 ukulungiselela izifundo ezithile. Kwezinye izifundo bekungeyomfuneko ukufakelwa kwezilungiso kwii-*PATs*.

4. Imigaqliselo ekhokelayo engundoqo eyanikwa ingqwalaselo ekufakelweni kwezilungiso kwii-*PATs* yile ilandelayo:
   (a) I-*PAT* efakelwe izilungiso yokugqibela isaya kuhlola imiba engundoqo ye*PAT* eyintsusa.
   (b) Inxalenye ye*PAT* ebimele ukuba igqityiwe kwiKota 1 ayifakelwanga zilungiso. Bonke abaviwa kulindeleke ukuba babe bazigqibile iimfuno ezingummiselo ze*PAT* zeKota 1.
   (c) Kufakelwe izilungiso kwiinxalenye ze*PATs* ezazicwangciselwe ukuphunyezwa kwiKota 2 neKota 3.

   Izilungiso ezifakelweyo ziquka enye okanye ezimbini kwezi zilandelayo:
   (a) Ukufakelwa kwezilungiso kumsetyenzana ukulungiselela imiqathango yokuqelelana kwabantu (*social distancing restrictions*), kunye/okanye
   (b) Ukususwa komsetyenzana (ngokukodwa ukuba isakhono siphinda-phindiwe yaye sihloliwe komnye umsetyenzana okanye awufaki galelo libaluleke gqitha kwi-*PAT* yokugqibela). Oku kuya kunika ithuba abaviwa ukuba bawugqibe umsebenzi kwixesha elincitshisiweyo.

5. Ii-*PATs* zezi zifundo zilandelayo azifakelwanga zilungiso ngoko ke i-*PAT* eyintsusa mayiphunyezwe njengoko injalo. Oku kwenziwa kukuba umsebenzi weprakhtikhali ekufuneka ugqityiwe ngabaviwa usenokwenziwa emva kokuvulwa kwakhona kwezikolo nge-08 Juni 2020.

   Ezi zifundo zezi:
   - *Agricultural Technology,*
   - *Electrical Technology,*
   - *Information Technology,* kunye
   - ne*Mechanical Technology*.

6. Kwizifundo i-*Dance Studies*, *-iDramatic Arts* kunye no*Music*, utshintsho ekukuphela kwalo kukuncitshiswa kwemisebenzi nokususwa kwemisebenzi efuna iqela okanye i-*ensemble* (*group or ensemble work*). Kwezi zifundo, kwenziwe isihlomelo esichaza imisebenzi encitshisiweyo kunye namalungiselelo amalunga nokuqhutywa kweemviwo zeprakhtikhali/zobugcisa bokwenziwayo.

7. Ezi zizifundo apho amaxwebhu e*PATs* amatsha sele ekhutshiwe:
   - *Agricultural Management Practices,*
   - *Computer Applications Technology,*
   - *Design Studies,*
   - *Civil Technology,*
   - *Consumer Studies,*
   - *Engineering Graphics and Design,*
   - *Hospitality Studies,*
   - *Technical Sciences,*
   - *Tourism,* kunye
   - ne*Visual Arts.*

8. Ii-*PATs* ezihlaziyweyo ngokutsha ziyafumaneka kwiziko lewebhu leSebe i*DBE*. Kunokusetyenziswa le linki ilandelayo ukungena kwii-*PATs* ezihlaziyweyo:

   https://bit.ly/2OUh8ae.

9. Imibuzo engee-*PATs* ezihlaziyiweyo zango-2020 mayibhekiswe kubacebisi ngezifundo kwii-ofisi zezithili.

10. Kucelwa iinqununu namagosa ee-ofisi zezithili zemfundo ukuba azise okukule ngcaciso imfutshane abasebenzi, abazali kunye nabafundi ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
ISEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2020-08-21